ISAZISO ESIBALULEKILEYO

ISIMEMELELO SOKUFAKWA KWEZICELO (IIMBONO) ZENKXASO-MALI YOKUNIKEZELWA KWEENKONZO EZITHILE ZOPHUHLISO LOLUTSHA KWINTSHONA KOLONI KUNYAKA-MALI U-2O17-2O18 KUNYE NEMINYAKA ELANDELAYO

Kumenywa Imibutho Engajonge Ngeniso neminye imibutho eselungelweni ukuba ifake izicelo zenkxaso-mali ukuze inikezele ngamalinge okungenelela/ngeenkonzo ezijolise kuphuhliso lolutsha egameni leSebe. Lo msebenzi ke uquka oku kulandelayo.

A. **Ukumiselwa nokulawulwa kweeYOUTH CAFÉS kwakunye neenkonzo ezisondeleyo kwezi ngingqi zilandelayo zeNtshona Koloni:**
   - **kwiCape Winelands/kwi-Overberg** : eVilliersdorp
   - **kuNxweme olukwiNtshona:** eVredenburg/eVelddrift
   - **kwi-Eden Karoo:** eMossel Bay (kuMlambo iGreat Brak)

B. **Ukunikezelwa kweenkonzo nenkxaso ekumgangatho ophakamileyo kwiiYouth Cafés ezintsha nesezikho kwiphondo ngokubanzi:**

   - **Kwi-Eden Karoo: e**George, kwingingqi kaMaspala yaseThsoreni neyaseMossel Bay
   - **kwiMetro ekuMazantsi:** kwiingingqi zokunikezelwa kweenkonzo zaseMitchells Plain, eGugulethu, eRetreat naseWynberg
   - **kuNxweme olukwiNtshona: e**Vredenburg
   - **kwiCape Winelands/kwi-Overberg: e**Grabouw naseVostile

C. **Iintshukumo zongenelelo/iinkonzo ezijoliswe kuphuhliso lolutsha kwezi ngingqi zilandelayo zeNtshona Koloni:**
   - **kwiCape Winelands/kwi-Overberg:** eSwellendam naseBarrydale, eBonnievale naseKleinmond
   - **kwiMetro ekwiMpuma:** eKraaifontein, eKhayelitsha, eMfuleni, eSomerset West naseStrand
   - **kwiMetro ekuMantla:** eDelft, e-Atlantis, e-Elsiesriver, eDu Noon naseJoe Slovo
   - **kwi-Eden Karoo:** eLaingsburg, eBhobhofolo naseMurraysburg
   - **kuNxweme olukwiNtshona:** eVredendal naseVredenburg

Nceda uqwalasele ukuba kusetyenziswa iimpepha zokufaka izicelo zika-2O17-18 ezichanekileyo nezifumaneka kwiSebe Lophuhliso Loluntu kuphela.

Imigaqo Engundoqo Yokuba Selungelweni kwakunye Nemiqathango Yokufakwa Kwezicelo Zenkxaso-mali:

- kufuneka ube umbutho lowo ungobhalisiweyo phantsi kwemigaqo yoMthetho iNPO Act 71 ka-1997 okanye iSolotya 1 leShedyuli 1 yoMthetho iCompanies Act 71 ka-2008;
- ukubhalisa oku kuchazwe ngentla apha ke kufuneka kube kusasebenza yaye kufuneka kuqukwe nobungqina boko kwisicelo senkxaso-mali (oko ke kukuthi, imibutho engasabhaliswanga iyakukhutshelwa ngaphandle);
- Ubungqina bokunikezelwa kweenkonzo zophuhliso loluntu nolutsha kwimida yoMzantsi Afrika;
- Ubungqina bokuba ziingcali, amava kwakunye nokukwazi ukunikezela iinkqubo ezikwinqanaba eliphezulu kubantu abatsha;
- Njengoko kuthiwe theca kwiimpepha zezicelo, kufuneka zibekwe ngokucacileyo iinjongo, igalelo neziphumo kwizicelo zenkxaso-mali, ekufuneka zayanyaniswe neSicwangciso Sentsebenzo Yonyaka yeli Sebe, iSicwangciso-qhinga Sophuhliso Lolutsha lweNtshona Koloni kwakunye neSicwangciso-qhinga Sophuhliso Lolutsha seSebe Lophuhliso Loluntu;
- Izicelo zenkxaso-mali kukwafuneka ziquke iingxelo zemali eziphicothiweyo okanye eziqinisekisiweyo zonyaka ophelileyo zaloo mbutho ufaka isicelo;
- Izicelo zenkxaso-mali kufuneka ziquke iinjongo zombutho lowo ngamacebo ohlolo novavanyo lwangaphakathi ze umbutho uvakalise nokuzinikela kwawo ekuthobeleni imigaqo nezikhokelo zeli Sebe zokunikezelwa kweengxelo neziphumo;
- Izicelo zenkxaso-mali ziyakuqwalaselwa ngokwemimiselo yoMgaqo-nkqubo weSebe Lophuhliso Loluntu likaRhulumente weNtshona Koloni Ongokunikezelwa Kwenkxaso-mali Kwimibutho Engajonge Ngeniso (ongafumanekaapha apha… https://www.westerncape.gov.za/assets/departments/social-development/wcg_dsd_policy_on_the_funding_of_non-government_organisations_for_the_provision_of_social_welfare_and_community_development_services._amended_2014.pdf

Iinkcukacha ezibalulekileyo:

Ixesha nosuku lokuvala ekungenisweni kwezicelo yintsimbi yesine malanga, ngomhla weshumi kwinyanga yoMdumba ka-2017.

Izicelo kufuneka ziphawulwe ngokucacileyo: Isicelo Sokunikezelwa Kweenkonzo Zophuhliso Lolutsha ku-2017/18 njengesicelo senkxaso-mali ze sithunyelwe ngeposi kule dilesi, Private Bag X9112, eKapa, 8000 OKANYE

Zingafakwa kwiibhokisi eziphawulwe ngokuchanekileyo ezikumgangatho womnyango kaNdlunkulu weli Sebe, okwanombolo 14 kwiSitalato iQueen Victoria, e-Union House, eKapa.

Akukho zicelo zithunyelwe nge-email ziyakwamkelwa.

Ukuze ufumane inkxaso yezolawulo nobuchwepheshe, qhakamshelana neSebe Lophuhliso Loluntu kule NOMBOLO yomnxeba ingahlawulelwayo O8OO 22O 250 okanye uthumele i-email:

kuMelanise Hindley Melanise.Hindley@westerncape.gov.za

kuBlanche Kermis Blanche.Kermis@westerncape.gov.za

nakuLizelle Brown Lizelle.Brown@westerncape.gov.za